KUKHO IINYANISO EZINE EKUFUNEKA SIZIQONDE NGOKUPHELELEYO:

1 UTHIXO UYAKUTHANDA.

UTHIXO UFUNA UPHILE NGONAPHAKADE KUNYE NAYE EZULWINI.
Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade. UYOHANE 3:16

UTHIXO UFUNA UBE NOBOMI OBANELISAYO NOBUNENJONGO.
Isela lizele kuphela ukuba libe, lixhele, litshabalalise. Mna ndizele ukuba abantu babe nobomi, obona bupheleleyo. UYOHANE 10:10

NANGONA KUNJALO, ABANTU ABANINZI ABANABO UBOMI OBUNENTSINGISELO KWAYE ABAQINISEKANGA NGOBOMI OBUNGUNAPHAKADE KUBA ...

2 UMNTU UNESONO NGENDALO. NGOKO WAHLULIWE KUTHIXO.

BONKE BONILE.
Kaloku bonke bonile; bayalabalaba kubuqaqawuli ababulungiselelwe nguThixo. KWABASEROMA 3:23

ISOHLWAYO SESONO KUKUFA.
Isono sinomvuzo: samkelisa ukufa... KWABASEROMA 6:23

KUKHO IINDIDI EZIMBINI ZOKUFA EZIKHANKANYWE EBHAYIBHILENI:

- UKUFA NGOKWASEMZIMBENI
Umntu ngamnye ufa kube kanye, emva koko agwetywe. KUMAHEBHERE 9:27

- UKUFA KOMOYA OKANYE UKWAHLUKANA OKUPHAKADE NOTHIXO
Kodwa ilifa lamagwala, abangakholwayo, izingcoli, izigwinta, abarheletyi, amagqwirha, abanquli-zithixo, nawo onke amaxoki, loba kukufa kwesibini kwidike lomlilo ovutha yisalfa. ISITYHILELO 21:8

UKUBA UMNTU WAHLUKANISWA NOTHIXO NGENXA YESONO SAKHE, SIYINTONI ISICOMBULULO SALE NGXAKI?

SIHLALA SICINGA NGEZI NJENGEZISOMBULULO:
INKOLO, IZENZO EZILUNGILEYO, UKUZIPHATHA

NOKO KE, SINYE KUPHELA ISICOMBULULO ESISINIKWE NGUTHIXO.

3 UYESU KRISTU KUPHELA KWENDLELA EYA EZULWINI.

NANTSO INTO AYITHETHILEYO UTHIXO.
Waphendula uYesu wathi: Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubomi. Akukho namnye unokuya kuBawo engayi ngam. UYOHANE 14:6

UYESU KRISTU WASIHLAWULA NGOKUPHELELEYO ISOHLWAYO SEZONO ZAKHO.
Andithi noKrestu wafela izono zethu kwaba kanye qwaba! Yena elilungisa nje wafela thina boni, esisondeza kuThixo! Wabulawa, kodwa wavuka ngoMoya kaThixo, 1 KAPETROS 3:18

UTHIXO UNEDINGA LOBOMI OBUNGUNAPHAKADE.
Othe wakholwa kuNyana, unobomi obungonaphakade. Othe akamthobela uNyana, akayi kubona bomi; ingqumbo kaThixo ihlala ihleli phezu kwakhe. UYOHANE 3:36

NOKO KE, AKWANELANGA UKWAZI OKO UYESU KRISTU ASENZELE KONA.

4 KUFUNEKA SIBEKE UKHOLO LWETHU KWINKOSI UYESU KRISTU UKUZE SISINDISWE.

USINDISO LWETHU LWENZIWA LWABA NOKWENZEKA NGOBABALO LUKATHIXO NGOKUKHOLWA KUYESU KRISTU.
Ke kaloku nakhululwa ngesisa sikaThixo ngokholo; anikhululwanga ngemizamo yenu. Ewe, kungenxa yesisa sikaThixo. Ngoko ke akukho nto ubani angaziqhayisa ngayo, kungekho migudu yakhe nje.
KWABASE-EFESE 2:8-9

YITHI LO MTHANDAZO KUTHIXO NGOKHOLO:

NKOSI YESU, ENKOSI KAKHULU NGOTHANDO LWAKHO OLUKHULU KUM. NDIYAVUMA UKUBA NDINGUMONI KWAYE NDICELA UXOLO. NDIYABULELA NGOKUFA EMNQAMLEZWENI UKUHLAWULA ISOHLWAYO SEZONO ZAM. NDIYAKHOLELWA EKUVUKENI KWAKHO KWABAFILEYO. UKUSUSELA NGOKU, NDITHEMBELE KUWE NJENGENKOSI NOMSINDISI WAM. NDIYASAMKELA ISIPHO SAKHO SOBOMI OBUNGUNAPHAKADE KWAYE NDINIKELA UBOMI BAM KUWE. NDIGCINE IMITHETHO YAKHO, NDIKHOLEKE EMEHLWENI AKHO. AMEN.

UKUBA UYAKHOLELWA KUYESU KRISTU, OKU KULANDELAYO KWENZEKE KUWE:

- UNOBOMI OBUNGUNAPHAKADE KUYE UTHIXO.
Okufunwa nguBawo kukuba wonke ombonayo uNyana akholwe kuye, abe nobomi obungapheliyo; ndaye ndiya kumvusa ekufeni ngomhla wokugqibela. UYOHANE 6:40

- ZONKE IZONO ZAKHO ZIXOLELWE.
(ELIDLULILEYO, LANGOKU, ELIZAYO)
Wasihlangula egunyeni lobumnyama, waza wasifudusela ekulawulweni nguNyana wakhe oyintanda, lo sifumene kuye inkululeko nokuxolelwa kwezono. KWABASEKOLOSE 1:13-14

- USISIDALWA ESITSHA NGOKUPHELELEYO EMEHLWENI KATHIXO.
ESI SISIQALO SOBOMI BAKHO OBUTSHA.
Akuba umntu emanywe noKrestu uba yindalo entsha – isimo esidala yinto yezolo, sekuqaleke isimo esitsha. 2 KWABASEKORINTE 5:17

- NGOKU UNGUMNTWANA KATHIXO.
Kodwa bonke abâmamkeláyo, bezinikele kuye ngokupheleleyo, wabanika igunya lokuba ngabantwana bakaThixo. UYOHANE 1:12

UKWENZA IZENZO EZILUNGILEYO AKUYONDLELA YOKUSINDISWA, KODWA BUBUNGQINA BOSINDISO LWETHU.

Ke kaloku nakhululwa ngesisa sikaThixo ngokholo; anikhululwanga ngemizamo yenu. Ewe, kungenxa yesisa sikaThixo. Ngoko ke akukho nto ubani angaziqhayisa ngayo, kungekho migudu yakhe nje.
KWABASE-EFESE 2:8-9

Ndim umalusi olungileyo, ndiyazazi ezam, ndiyaziwa zezam. Njengokuba endazi uBawo, nam ndiyamazi uBawo, nobomi bam ndibuncamela izimvu. Ndinazo nezinye izimvu, ezingezizo ezobu buhlanti; nazo ezo ndimelwe kukuza nazo; zaye ziya kuliva izwi lam; zibe mhlambi mnye, nomalusi abe mnye. Ngenxa yoku uBawo uyandithanda; ngokuba mna ndibuncama ubomi bam, ukuze ndibuye ndibuthabathe. Akukho namnye ubuhluthayo kum, ndiyabuncama ngokwam; ndinegunya lokubuncama, ndinegunya lokubuya ndibuthabathe; lo mthetho ndawamkela kuBawo. Ezam izimvu ziyaliva ilizwi lam, ndibe nam ndizazi, zindilandela; mna ndizinika ubomi obungunaphakade; azisayi kutshabalala naphakade; akukho namnye uya kuzihlutha esandleni sam. UYOHANE 10:14-18,27-28